*U-Daisy Omangalisayo!*
Written by Nozizwe Herero
Illustrated by Siya Masuku
Designed by Leona Ingram
with the help of the Book Dash participants in Johannesburg on 27 June 2015.
Translated by Zolile Tricarter Kalashe

ISBN: 978-1-928318-44-6

This work is licensed under a Creative Commons Attribution 4.0 Licence (http://creativecommons.org/licenses/by/4.0/). You are free to share (copy and redistribute the material in any medium or format) and adapt (remix, transform, and build upon the material) this work for any purpose, even commercially. The licensor cannot revoke these freedoms as long as you follow the following license terms:

Attribution: You must give appropriate credit, provide a link to the license, and indicate if changes were made. You may do so in any reasonable manner, but not in any way that suggests the licensor endorses you or your use.

No additional restrictions: You may not apply legal terms or technological measures that legally restrict others from doing anything the license permits.

Notices: You do not have to comply with the license for elements of the material in the public domain or where your use is permitted by an applicable exception or limitation.

No warranties are given. The license may not give you all of the permissions necessary for your intended use. For example, other rights such as publicity, privacy, or moral rights may limit how you use the material.

Kwathi ke kaloku ngantsomi
kwifama encinane
kufuphi nelali encinane...



kwakuhlala khona inkukhu encinane ebizwa ngokuba ngu Daisy.



“Xa ndikhula, ndifuna ukubhabhela phezulu, phezulu esibhakabhakeni,” watsho u-Daisy.



Kodwa zonke ezinye iinkukhu zamhleka.



“Awuqhelekanga,” zatsho.
“Asoze siphinde sidlale nawe.”



“Daisy, sonke singabhabhazela amaphiko ethu kodwa kunzima kakhulu kwiinkukhu ukuba zibhabhe,” U-Mama wamxelela.





U-Daisy zange anikezele.

Ngazo zonke iintsuku waziqhelisa, eqhwaba amaphiko akhe.

Wabhabhazela, wabhabhazela, wabhabhazela, ebhabhazela amaphiko akhe kodwa wayengenako ukuphakama asuke emhlabeni.



amazing-daisy_interior.indd 13 2021/01/31 18:08



Ngelixa eziqhelisa, umfanekiso-
ngqondweni wokubhabhela
phezulu esibhakabhakeni kwaye
ejonge kwiinkukhu ngezantsi.

Ebebanomfanekiso-ngqondweni
wokubhabha
edlula oonondlwane kwaye edlula
iinkonjane.

‘“Huntshu!” iintaka zathi.
“Inkukhu engabhabha!”

amazing-daisy_interior.indd 15 2021/01/31 18:08



Ngoko ke ... wabhabhazela, wabhabhazela, wabhabhazela, ngazo zonke iintsuku

U-Daisy ube ngabhabhazela amaphiko akhe. Ube ngaphakama ukusuka emhlabeni kodwa awele phantsi kwakhona.



“Asoze ndikwazi ukubhabha!” U-Daisy walila kumama  wakhe. “Abanye banyanisile.”



“Daisy, wohlukile kwezinye iinkukhu.
Azifuni ukubhabha kodwa uyafuna!
Ungakwenza oko,” Watsho uMama.



Kusuku olulandelayo u-Daisy wakhwela ngaphezulu kwendlu yeenkukhu kwaye wabhabhazela, wabhabhazela, wabhabhazela, wabhabhazela amaphiko akhe.

Wabhabhela emoyeni
kwaye wabhabhazela amaphiko akhe ...

kwaye wabhabhazela amaphiko akhe ...

kwaye wabhabhazela amaphiko akhe ...

kwaye ...



Ezinye iinkukhu zahlekela phezulu. “Ha ha ha! Sikuxelelele! Iinkukhu azinako ukubhabha!”



Kodwa kusuku olulandelayo u-Daisy wakhwela ngaphezulu, phezulu encotsheni karontabile.





Wabhabhazela, wabhabhazela, wabhabhazela, u-Daisy wabhabhazela amaphiko akhe.



Wabhabhela emoyeni kwaye
wabhabhazela
amaphiko akhe … kwaye wabhabhazela
amaphiko akhe … kwaye wabhabhazela
amaphiko akhe …

Waqhubeka ebhabha!

Umoya ngaphantsi kwamaphiko akhe
wabamninzi kwaye wabhabha
ukuya phezulu nangaphezulu!

Oonondlwane kunye neenkonjane zathi,
“Ngumangaliso! Inkukhu ebhabhayo!”



Kwaye ezinye iinkukhu
zazifuna ukufana naye.

Zathi,
"Oh Daisy, uyamangalisa!"

amazing-daisy_interior.indd 29 2021/01/31 18:08

